# Ingonyama ! Yobumnyama Isagquma ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Halahoyi ! ma Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomlambo
Yona yazi ubugqi base zulwini
Inzwana yeuto ehlala emlanjeni,

Ingonyama yobumnyama isagquma
Litsho ilizwi, litsho ngokududuma
Nonyaka nje ngunyaka wommangaliso
Liti liyakubeta napezu kwelliso.

Saqala ngokuhomba sisekulweni
Kanti nanku ndlebende esenqweleni
Ubuk'os' obu abunamntu balayo
Ndifungo " Koko " nobaw' ondizalayo.

Ingonyama yobumnyama isagquma
Napakati kwetu zizwe ezimnyama
Masivumise ke nase zazulwini
Zabafa kudala nabafa kutsha.

Liti " Masibuye " noko singakolwayo
Zisoyisile indawo ezikanyayo
Seva umngqumo we Lizwi lika Tixo
Abatakati belizisa ngempoxo.

Kwizwe lobawo Elizweni lo " Koko "
Balixabanisa no Tixo okwakoko
Angakohliseki noze nge Nqanawe
Kaloku lihleli ele Zulu i Tshawe.

Kudala zinqoza sibona madoda
Kudala kufiwa sisiva ngendaba
Kuk'utshwa nabantu besiy' emfazweni
Nezwi lika Tixo likwa seluhlwini
Yin'nale ! !

U-Kafile makafe singama Britani
Tina sonihluta intlaka emlonyeni
Asika nenzinto singama Britani
Itole lemfene likula esizini
Niyabeva ! !

Kudlalwa ngo Tixo ngendlela
[emnyama
Ubuhedeni ngenyani busahluma
Wagutyungelwa yeha ndlu emnyama
Izwe loyihlo ligquma zi Nyikima.

Nandzo nezimanga esizibonayo
Nani niyayazi into ekuyiyo
Namhla nitinina ? Ilizwe lifile—
Nandzo nezibeto usapo lufile
Camagu ! Awu !

Sadlala ngo Tixo wetu kube lungu
Namhla izwe letu yinqu yeshologu
Xa ndilapo "Izililo" mako wetu
Ningetuki nganicinge ngezwe letu.

Namhla i Afrika itshelwe sic'eko
Azi kwabadala yena akaseko ?
Onyusa nengxelo iye ko Pezulu
Atshise nedini ngonyana omkulu ?
Camagu ! !